# IINDABA ZASEMBIZANA

## UMANYANO NGAMANDLA

Newspaper Third Edition
JAN/MARCH - 2024




www.winniemmlm.gov.za

# WMMLM SHINES BRIGHT AS IT WINS PRESTIGIOUS AWARD FOR CLEAN AUDIT OPINION FOR 22/23 FY

> **"We are grateful to the management and the staff of WMMLM continuing to work with commitment. WMMLM is committed to building good working relations with all sectors of society especially the Business sector which is crucial for economic growth of our municipality."**
> **Mayor Cllr. TD Mafumbatha.**

Auditor General's office in recognition on the hard work undertaken by the WMMLM to implement clean governance and having the systems and records in place to justify their financial and performance status.

This recognition took place on the second day of the political MuniMEC meeting led by the MEC responsible for

Department of Cooperative Governance and Traditional Affairs, MEC Zolile Williams on 5th -0th March 2024 Wild Coast Sun

here in Mbizana. A clean audit means that financial statements are free from material misstatements (in other words, a financially

unqualified audit opinion) and there are no material findings on reporting on performance objectives or non-compliance with legislation.

Less than 10% of municipalities and their entities in the Eastern Cape have received

Less than 10% of municipalities and their entities in the Eastern Cape have received this award for the 2022/23 financial year, showing how difficult it is to achieve.

"We are grateful to the management and the staff of WMMLM continuing to work with commitment. WMMLM is committed to building good working relations with all sectors of society especially the Business sector which is crucial for economic growth of our municipality.", Mayor Cllr. TD Mafumbatha.








# WMMLM HOSTS ENVIRONMENTAL AWARENESS CAMPAIGN (CAREER EXPO)




On the 15th March 2024, Winnie Madikizela-Mandela Local Municipality Conducted Environmental awareness campaign (career Expo) where there was Department of Education and environmental stakeholders such as Eastern Cape Parks and Tourism Agency, Department of Environment Economic Development and Tourism, Department of fisheries Forestry and Environment, SANRAL, Walter Sisulu University, Conservation Exposure Education and Training, University of KwaZulu-Natal in Wild Coast Sun ward 24.

The purpose of this event is capacitating grade 9 learners on choosing subjects choices that will lead them to Environmental careers. In this Career Expo learners are given the opportunity to connect with various career experts in the environment sector by offering them a platform for networking. The overall objective of this programme is to inspire and guide learners toward rewarding careers in the environmental fields and to provide learners with valuable insights into various environmental career paths and networking opportunities.

Department of Education Ms Mgali said that " School Sport as well as the Arts and Culture programmes are an integral part of the process towards achieving the goal of social justice education.

The environmental career expo provides a unique platform for organisations to showcase their work, engage with participants and contribute to the growth of the environmental sector.

# LIPHINDE LAPHAKAMA KWAKHONA IZINGA LECAREER EXHIBITION YABAFUNDI BEBANGA LESHUMI KULONYAKA.

Bagalaleleke ngobuninzi abafundi bebebanga leshumi eWild Coast kwingqingquthela yabo yeCareer exhibition ibintsuku-ne eqale Ngomhla ka 19 ukuya ku22 February 2024.

Phakathi kwamaziko ephakamileyo ebeyinxayilenye zidyunivesithi zeliphondo lempuma koloni, ezinye idyuniversity zeli lomzantsi Afrika, iiKholeji, amaqumrhu karhulmente namanye amaziko abucala ezemfundo nangajonganga nzuzo.

ICareer Exhibition liphulo lonyaka lokwazisa abafundi bebanga leshumi ngamakhondo omsebenzi ohlukeneyo eliqhutywa ngumasipala wasekuhlaleni iWinnie Madikizela- Mandela ebambisene nesebe lezemfundo (isithile sase Alfred Nzo East) ngokuxhaswa yiWild coast . Lo Mboniso uqhutywa ekuqaleni konyaka ngamnye nalapho kumenywa bonke abafundi bebanga leshumi ukuba bazi kabanzi ngamakhondo omsebenzi, amaziko emfundo ephakamileyo amanqaku ezifundo kunye neeBhasari ezifumanekayo.




USodolophu uCllr. TD Mafumbatha ubulele ngokungazenzisiyo kubaxhasi, abathathi nxaxheba, amaziko onke athe ayinxalenye yalekqubo ngelithi ulwazi abantwana abalufumene apha luzakubaluncedo kubo khonukuze bezokwazi ukukhetha izifundo ezibafaneleyo bafunde ngokuzinikela benolwazi lwento abayifunayo. Ukwathe umasipala uzoqhubekeka neenzame zokunyusa izinga lalenkqubo nanjengoko inegalelo elikhulu kwiziphumo zesisithili zebanga leshumi ezincumisayo.

# IBIYIMINCILI NOVUYO KUBANTU ABADALA BENIKWA IGROSARI NGUMASIPALA

Amanye amaxhego namaxhegwazana alengingqi alele licuthekile ixhala emva kokuba uSodolophu womasipala iWinnie Madikizela-Mandela Local Municipality uCllr. Daniswa Mafumbatha ethe wanikezela ngegrosari ngomhla we21 January 2024 ebutsheni baleveki.

Lenkqubo iza njengeenzame zokothula umthwalo kubantu abadala abaneemeko ezikhethekileyo be wadi zonke nanjengoko kuqala unyaka.

Ngelixa esenza intetho uSodolophu uthe, "Abantu abadala apha ekuhlaleni banomthwalo omkhulu ngakumbi nangakumbi xa kuqala unyaka. Bajongene nokusa abantwana ezikolweni ukutya ezindlini nezinye izidingo ezibalulekileyo. Ngoko ke singumasipala ngoku kutya sizobothula umthwalo emagxeni. Ewe ngokweminqweno yethu besinga singafikelela kubo wonke onke amaxhego namaxhegwazana ethu kodwa ngokwamandla asikhange sibenako."

Kusenjalo omnye wabantu abadala othe waxhamla nguMama uMchunu osuka eSeaview kwa ward 23, evakalisa imincili uthe,

"Ndilapha nje ndizothatha ukudla endikuphiwa nguMasipala,ndizolala nditye tyaaa namhlanje ndingenalo kwa ixhala . Mandothuka ebusuku naku ukudla entla kwam, Akumandi! Yihooo phambili ngevotam."

IWinnie Madikizela- Mandela Local Municipality iyaqhubekeka nokwenza iinzame zokuba abantu abadala kulengingqi bayancediseka kwizidingo zabo kwaye bahlala ngokukhululekileyo, ngokukhuselekiyo nangokuxabisekileyo nangoku.







## MPAC PUBLIC HEARING ON THE DRAFT ANNUAL REPORT FOR THE 2022/2023 FINANCIAL YEAR

On the first week of March 2024, the Municipal Public Accounts Committee (MPAC) conducted Public Hearings on the Annual Report for the 2022/2023 financial year. The first Public Consultation was held on Monday 4th March 2024 at Majola Tshutsha Community hall in ward 29 and on the 06th March 2024 the session was held at Anglican Church hall in ward 1.

The draft annual report was presented to the public where inputs and comments were taken into consideration and responded to by the municipality.

The Draft Annual report is available on our website.

https://www.winniemmlm.gov.za/.../WMMLM-DRAFT-ANNUAL...








## SA LIBRARY WEEK CELEBRATION 2024

ibrary and Information Services Directorate in the Department of Sport, Recreation, Arts and Culture in partnership with Winnie Madikizela-Mandela Local Municipality hosted the South African Library Week 2024 District Celebration at Methodist Church, in ward 1 on the 05th March 2024. The theme for this year is "Libraries Foster Social Cohesion."

This program is aimed at promoting the use of Libraries through the district thus inculcating a culture of reading. This was a platform for Libraries to communicate strongly why they matter, why they are valuable and indispensable.

**The activities which conducted are:**

- Book Review- Grade 11
- English: Ghetto Ninja
- Book summary: Community Book Clubs
- IsiXhosa: Ukuba Ndandazile by W.K Tamsanqa
- Reading: Grade 7
- Quiz: Mini Library for the blind users.

# GOVERNMENT BRINGING SERVICES CLOSER TO PEOPLE THROUGH INTEGRATED COMMUNITY REGISTRATION PROGRAMME







On the 29th February 2024, Winnie Madikizela Mandela local municipality with government departments together with Amantshangase Development Forum conducted Integrated Community Registration Program (ICROP) where there were Government Departments such as SASSA, HOME AFFAIRS, SAPS, CORRECTIONAL SERVICE, JUSTICE IN MINERS, TRAFFIC, DEPARTMENT OF LABOUR and SOCIAL DEVELOPMENT provided services to community at Sithukuthezi Community Hall in Ward 3.

The purpose of this program was to bring services to the community whereby Community members got a chance to interact with governments departments on a one on one basis on challenges they face on daily basis. Thereafter Her Worship, Mayor Cllr T.D Mafumbatha handed over equipment for Soup Kitchen group in order for the community to help the needy families.

## MUNICIPAL CIVIC CENTRE CLOSE TO ITS COMPLETION

As part of service delivery oversight the Winnie Madikizela-Mandela Local Municipality Leadership ( Troika and the members of the executive committee ) accompanied by the Senior Management has on Thursday the 22 February 2024 conducted a site visit to assess the progress at the Municipal Civic Centre in town. This multi- year project is close to its completion and will soon be handed over for occupation.

Her Worship the Mayor Cllr, Daniswa Mafumbatha said, "we are pleased with the progress we see here today, as the Leadership we want to emphasize that the construction of this Centre must be completed the soonest so that it can be occupied to render services for the people of Mbizana.

The Civic Centre is the biggest engineering project that WMMLM is currently doing, this Centre consists of Council Chamber Community hall, Municipal Offices, Indoor Sporting facilities and the local library. Also, it is expected to have wireless networking technology (WI-FI).





# IBILUVUYO OLUKHULU KUBANTU ABASEBENZA KWIMIBUTHO ENGAJONGANGA NZUZO EJONGENE NABANTU ABADALA ABAKHUBAZEKILEYO.



kuMhlaka 14 February 2024 uSodolophu woMasipala iWinnie Madikizela-Mandela Local Municipality Cllr. TD Mafumbatha wanikezela ngezixhobo zokusebenza kweminye yemibutho ejongene nabantu abadala abakhubazekileyo kwintlanganiso ye Local Aids Council ibibanjelwe eCouncil Chambers. Lemibutho iquka iLinako Suport Group (Wadi 19), Joseph Ndisile foundation (wadi 24), Sinosizo support group (wadi 09), Nolufefe community health center (wadi 15).

Lemibutho engajonganga nzuzo inakekela abo bangakwazi kuzenzela babulele ngokunga zenzisiyo ngento abayenzelwa ngumasipala wase kuhlaleni. Baqhube besithi inzima into esezilalini abajongana nazo kwaye bayacela umasipala lento athe wabenzela yona aqhubeke nayo ayenze nakwananye abantu

# MAYOR PARTICIPATED IN LEADERSHIP PROGRAMME IN KENYA



Her Worship the Mayor Cllr. Daniswa Mafumbatha attended the International Training Programme for Women's Political Leadership at Nairobi, Kenya on the 4th to 8th February 2024.

This workshop was organized by the Swedish International Development Corporation Agency (SIDA) and the Swedish International Centre for Local Democracy (ICLD).

At the heart of this training programme is an opportunity for the participants to learn from Swedish cutting-edge skills, experience and methodologies in the field of local democracy development. Her Worship the Mayor Cllr. TD Mafumbatha participated in this course with Mayors from Eastern Europe, Asia and Africa (Ghana, Malawi and South Africa) to learn from each other , share challenges , opportunities and discussing the ways and efforts of making and maintaining change in their local communities.



The overall purpose of the workshop was to summarize and share the challenges, opportunities and lessons learned throughout the programme. The participants and the Swedish mentors met for a three-day workshop to draw the conclusions of their change processes, learn from each other, and discuss how to continue developing the organizational readiness and maintain change in their local communities. As well as continuing to exchange experiences on their political mission and leadership. The programme included study visits and lectures provided by ICLD and relevant lecturers. Additionally, the workshop also encouraged continued networking and experience exchange between the participants in the present cohort but also include a networking event with the next cohort of the programme, cohort 10, which will hold its Inception workshop in Nairobi immediately adjacent.

# EC PORTFOLIO COMMITTEE MEMBERS VISIT ALFRED NZO EAST DISTRICT

On the 22nd January 2024 the Alfred Nzo Education Cluster stakeholders packed the Winnie Madikizela-Mandela Local Municipality Council Chamber to receive and engage the 2024 state of readiness report presented by the education department.



This session was convened by the Portfolio Committee on Education from the Provincial Legislature as part of its annual programme to visit schools. Tomorrow, the 23rd January 2024, the Members of the Provincial Legislature will embark on intensive school's visit programme to some of the schools here in Winnie Madikizela-Mandela Local Municipality to assess their state of readiness for 2024 academic year.



# MBIZANA YOUTH ELECTED IN WINNIE MADIKIZELA LOCAL MUNICIPALITY SAYC SUMMIT.

Winne Madikizela Mandela Local Municipality together with SAYC region Chairperson Bulelani Makhosonke conducted a Winnie Madikizela Mandela Youth Assembly on the 29th -30th January 2024 at Estuary Hotel, Port Edward.

The purpose of this Youth Assembly was to elect new Winnie Madikizela Mandela Local Municipality SAYC leadership whereby they will have to encourage youth of this municipality to become active citizens by providing them with opportunities to increase their skills, influence their communities and learn about governance through direct participation.

Bulelani Makhosonke District SAYC Chairperson presented 5 pillars of South Africa Youth Council as follows:



1. Education, skills and second chance
2. Economic participation and transformation
3. Health and Welfare
4. Social cohesion

The newly elected Winnie Madikizela Local Municipality SAYC leadership top 5 are as follows:

- Chairperson: Smith Hadjie
- Deputy Chairperson: Nwabisa Ndovela
- Secretary: Minentle Matiwane
- Deputy Secretary: Melinda Rubela
- Treasurer: Ongeziwe Zozo

Additionals Members:

- Hlengiwe Mpofana •Awethu Mkhaza
- Zenande Chalo • Lungelo Ngwane
- Aphile Ngozi

A new additional member that affiliates under LGBTQIA+ Aphiwe Ngozi said that "I would like intobana ikomkhulu to gather the people of different villages to educate/introduce the new lifestyle of living as different people with disability, LGBTQIA+ and many people who face hardship because of the way they live".



# UMPHATHISWA WEZEMFUNDO UQHUBE IPHULO LIKA BACK TO SCHOOL






Ngomhla wokuqala kuFebruary uMphathiswa wesebe lezemfundo MEC Fundile Gade uphelekwe nguSodolophu uCllr. Daniswa Mafumbatha kutyelelo lwakhe kwisikolo iAD Tshayingca ukusa amazwi enkuthazo kubafundi nanjengoko sele kuqalisiwe nenkqubo yokufunda nokufundisa. Emva ngotyelelo kwesisikolo basithangathe intlanganiso eOR and Adelaide Tambo hospital nalapho isikolo sase-Didi Primary naseAD Tshayingca zithe zanika umphathiswa ingxelo ngobumo bezizikolo.

USodolophu wamkele Mphathiswa ngelithi bayabulela kakhulu olutyelelo kuba luza nokuzalisekiswa kwezethembiso uMphathiswa owayezenzile. Ukwathe ubukho bukamMphathiswa bubalulekile nanjengoko ezakubona kakuhle ubume bezikolo zalapha kulengingqi. Iinkonzo zikarhulumente ezamasebe ukuquka uSASSA nelezeMpilo beziziswe ngqo kubantwana besikolo.

# WMMLM HOSTS IDP REP FORUM MEETING

Integrated Development Plan (IDP) Representative Forum meeting was conducted on the 29th February 2025 at the Oliver and Adelaide Tambo regional hospital in ward 1.

> **"The purpose of this meeting is to present the projects & programs planned to be implemented here at Winnie Madikizela-Mandela Local Municipality in the 2024/2025 financial year and beyond."**






The purpose of this meeting is to present the projects & programs planned to be implemented here at Winnie Madikizela-Mandela Local Municipality in the 2024/2025 financial year and beyond. The presentations identify the development initiatives in the municipality including infrastructure, physical, social, economic and institutional development and all projects, plans and programs to be implemented within the municipality, sector departments and by any organ of state.

# PHULO LOKWAZISA NGEENTLEKELE MALUNGA NEMINGCIPHEKO YOKWAKHA IZINDLU KUFUTSHANE NOMDA WENDLELA

Ngomhlaka 29 january 2024 uMaspala wasekuhlaleni iWinnie Madikizela Mandela iqhube iphulo lokwazisa ngentlekele kwiholo yoluntu yase nobukhwe Gwala kwawadi 24. Le nkqubo ijolise ekwaziseni abantu ngomngcipheko bokwakhiwa kwezindlu kufutshane nesiphelo sendlela kunye nokurhweba ecaleni kwendlela IR61.

Ngelixesha esenza intetho gabalala uMrs Mhlelembana uthe, “Pha kula office yakwa Disaster luxanduva lwabo ukuba baqinisekise into yokuba azenzeki intlekele/ingozi apha phantsi komasipala wasekuhlaleni. Baqaphele into yokuba zikhona intlekele ezizayo apha kuR61 ikakhulu kazi apha kwa wadi 24 bekkwafuna ukuba babonisane nabahlali.Mr Mgoduka yena usukume ngelithi banengxaki yokuba kubonakala indlela iphela zizindlu ezakhiwayo kufutshane no R61 (izitolo, indawo zokuhlambisa imoto) kwaye kubonaka ukuba abantu abasawu landeli umthetho womgaqo.

Othethela ezendlela Ms Gxumisa (SANRAL) bona bacele abahlali ukuba xa besokha into ekufutshane nendlela nabo mabayazi ukuba nabo bafuna xa kuvela ingxaki bayazi, kwaye ikwababo abazokuxelela apho fanele uyibeke khona indlu yakho ngoba fanele ibebuqaqa noR61 ngomgama ongu10 KM.
Isithethi sabahlali wandule ngelithi unobangela wokuba kokhiwe ezizinto bakhala ngazo yindlala nokunqaba kwemisebenzi,kwaye ezindawo bokhe kuzo bazinikwa likomkhulu abazenzeli.




# ALFRED NDZO EAST ANNUAL MATRIC ACHIEVERS AWARDS

On the 1th February 2024 Alfred Nzo District Municipality together with Winnie Madikizela-Mandela Local Municipality and Department of Education conducted Matric Achievers Awards, a celebration of those learners who excelled the class of 2023 at Wild Coast Sun in ward 24.

The purpose of this annual matric achievers' awards is to applaud Matric students for their hard work during their academic year and also encourage the young ones to also produce pleasing results for a bright future.

Hon Executive Mayor. Cllr. Mr. V Mhlelembana said that “there are Principals who always sees a need to attend this event, it means that they are doing very well in their schools and also I trust those it's their first time will continue to be part of this movement. We as the Alfred Nzo District and Winnie Madikizela Mandela local Municipality promotes education as results municipal managers volunteered to donate for a learner from Jojo S.S.S who passed very well but due to financially problems is enable to go to institution.



# UMASIPALA UQHUBE IPHULO LOKUXHOBISA NGOGUQU-GUQUKO LWEMO YEZULU KUNYE NENDLELA YOKUZIKHUSELA KWIMO YEZULU KWAMPISI, WADI 16



Umanejala ojongene nezentlalontle uMrs Mhlelembana wathi unobangela wokuba babelapha kukuzoxhobisa ngoguqu-guquko lwemozulu izinto ezinobungozi ezifana neminye imithi etyalwayo ebangela izityalo zingacaci. Ukwanikezele nangezihlahla ezihlanu kunye nebhodi ezixelela abahlali indlela ekumele benze ngayo ukuze bahlale bekhuselekile.

Ikomkhulu kunye nabahlali bona bathi umntu uyazikhethela indawo yokwakha kwaye bambonise kube kuye ukuba uyakha okanye akhangele enye indawo, kodwa babulela kakhulu kumasipala ngokuba azobaxhobisa kwimeko ezifana nezi.



# IPHULO LOKWAZISA NGETHALA LEENCWADI

KuMhlaka 23 February 2024 Abafundi kunye nabafundisi ntsapho bebephume ngobuninzi babo kwizikolo zonke jikelele eziphantsi koMasipala wasekuhlaleni i-Winnie Madikizela Mandela Local Municipality, zize kukhuphiswano lofundo lwencwadi ebeluphakathi kweencwadi zesiXhosa kunye nezingolwimi lwasemzini (English) obeluqhutyelwa kwithala lencwadi lwengingqi kwa-Ward 1 eMbizana. Injongo yolukhuphiswano ibikukuchonga abantwana abazakuya bayomelela Umbhiyozo wesithili weveki yeThala leeNcwadi loMzantsi Afrika ka-2024.

Olu khuphiswano beluphakathi kwalamabanga alandelayo ibanga lokuqala, elesibini, elesithathu kunye nebanga lesixhenxe kwakunye nophononongo lweencwadi yesiXhosa kunye neyesiNgesi. Luqhube kakuhle kakhulu olu khuphiswano kangokuba sibe nabantwana abangamashumi amabini abathe baphumelela.

Kwibanga lesithathu siye sanabantwana abane abachongiwe bangaba phumeleleyo kufundo lwencwadi yesiXhosa. Ophumeleleyo wabangowesine nguNyikiza Lingomso ephuma kwisikolo iZamilizwe Primary School, owesithathu nguNkonyeni Isenathi uphuma eKopana Primary School, owesibini nguNcobela Sikelela uphuma kwa-Mbenya Primary School ize owokuqala ibengu Mxingo Uthandile yena uphuma eNtlozelo Primary School. Kwakule ncwadi yesiXhosa siye sabanomntwana obefunda ngesixhobo sabantwana abangaboniyo esibizwa ngokuba yi-Brale, yena uphuma kwisikolo sabantwana abakhethekileyo iZamokuhle Special School. Ukanti bonke ke aba bantwana sele bekhankanyile ngasentla babezikolo eziphantsi kwa-sekhethi 4. Siphinde sanabantwana bebanga lesibini ebebesenza ufundo lweNcwadi yesiNgesi, nakhona kuchongwe abantwana abathathu abaphumeleleyo, owesithu nguJobela Chulumanco ophuma eSt Theresa Primary School, owesibini nguMakinana Lebonang ephuma eZamilizwe Primary School, ize owokuqala ibenguNdlela Yolisa uphuma eDidi Primary School.

Kwakhona kuchongwe abantwana abathathu kwibanga lesixhenxe abaphumeleleyo kufundo lwencwadi yesiNgesi. Owesithathu nguNtozakhe Sesethu uphuma St Patrick Primary School, owesibini nguMasango Asenathi uphuma kuNdunge Junior Secondary School ize owokuqala ibenguMaphini Liso uphuma eZamilizwe Primary School. Kufundo lwencwadi yesiXhosa kwalapha kwibanga lesixhenxe kuchongwe abafundi abathathu kwakhona abaphumeleleyo, owesithathu nguDiya Oluhle uphuma ePhakamiso Primary School, owesibini nguTshukwa Anitha yena uphuma eNkantolo Primary School owokuqala ibenguMlindazwe olwakhe yena uphuma eZamilizwe Primary School.

Sinabo ke nabafundi abane bekhatshwa nagutata omnye ebebesenza uphononongo lwencwadi yesiXhosa kunye neyesiNgesi. Apho kuchongwe abantwana ababini kunye notata omnye abaphumeleleyo ebebesenza uphononongo lwencwadi yesiXhosa, owesithathu (no.3) nguLisakhanya Mdinwa, owesibini nguThandekile Nondonga, aze owokuqala abenguLisabonga Mtimba bonke baphuma kwisikolo sabantwana abakhethekile iZamokuhle Special School. Kweye siNgesi sinabafundi ababini, owesibini (no.2) nguAlungile Mqhutywa uphuma eNtukayi Senior Secondary School, owokuqala nguLwande Mtukwa uphuma eNongeke Senior Secondary School.

Zikhona ke izipho abazifumeneyo bonke abantwana abathe baphumelela kolu khuphiswano. Owokuqala ebefumana ikhephe-khephe, isixhobo sokubala, iNdebe, isichazi-magama, uBhaka kunye neDayary. Owesibini ufumene uBhaka, iDayari, iKhephe-khephe kunye nesichazi-magama, nesixhobo sokubala aze owesithathu afumane uBhaka, isichazi-magama,ikhephekhephe kunye neDayari





# IPHULO LOKUXHOBISA ABANTU NGOKUCOCA IINDAWO ABAHLALA KUZO KUNYE NOBUNGOZI ABANGADIBANA NABO XA BENGENZI NGENDLELA EYIYO.

Ngomhlaka 28 February 2024 uMasipala wasekuhlaleni i-Winnie Madikizela Mandela Local Municipality (WMMLM) iqhube i-Waste Management Campaign kwi-Holo yomphakathi iSicelo Bhani kwa-Ward 17. Injongo yalenkqubo kukuqinisekisa ukuba wonke umntu uthatha inxaxheba okanye udlala indima ukuze sigcine iindawo esihlala kuzo zicocekile ngalo lonke ixesha.

UMiss T. Mazingisa uthe “kubalulekile ukuba siqaphele ixesha esitshisa ngalo inkunkuma kuba umsi walaa nkunkuma uyakwazi ukonyuka uyohlala phezulu umoshe umoya loonto yenze ubushushu bukazwe lonke obubizwa ngokuba yi-Global Warming, okokuthi inkunkuma masiyitshise ekuseni lingekaphumi ilanga okanye siyitshise xa lisiya kunina okokuthi emalanga selitshonile ilanga”.





Uqhube wathi kubalulekile kakhulu ukuba siqaphele neendawo ezi silahla kuzo inkunkuma leyo, umzekelo ikhona inkunkuma ekungekho lula ukuba itshe njengee

Pampers zabantwana, uthe zona ke kungakuhle xa siqinisekisa ukuba sizombela imingxunya phaya emakhaya, ecebisa ke esithi umntu makabebe nemingxunya emibini yenkunkuma, omnye ngowenkunkuma eqhelekile ize omnye ibengowee Pampers.

Amakhosi kunye nabahlali babulele kakhulu ngesi silumkiso, besithi bacela uMasipala abancedise ekutheni afikelele kuzo zonke ezindawo kulahlwe kuzo iibhotile kuba zinobungozi, batsho bebalula indawo ekuthiwa kuseMadrayini entlakhwe ekwalapha kwa-Ward 17.

---

# USODOLOPHU UTYELELE IIPROJECTS

## SOZOMASHISHINI ABASAKHULAYO EZIQHUBEKAYO

Ngomhla weSine kwinyanga yoKwindla 2024 uSodolophu woMaspala wasekuhlaleni Winnie Madikizela-Mandela Local Municipality Cllr T.D Mafumbatha utyelele iiprojekthi eziqhubayo kwa Wadi 19,22 no1 ezibizwa ngokuba yi-Queen’s Greens eka- Miss Z. Ndava, Fulas Co-Operative Borehole Funded ka Ms Msuthu kunye ne GS7 Trading (PTY) ltd ka Mr KK Upholstery .

Iinjongo zokutyelela ibikukujonga nokuqinisekisa ukuba zisaqhuba kakuhle na nanjengoko uMaspala wayethe wancedisa ngezixhobo zokusbenza kweziProjekthi. Okunye kukuba ezinye zezi Projekthi ziyancedisana ngokuvelisa amathuba omsebenzi nokwamkela intsha efuna ukuqeqeshwa ngokwezolimo. Abaphathi bezi Projekthi baveze ukuba olutyelelo lutsho lukhulu kubo nanjengoko uSodolophu ezifikela mathupha ezilalini kwaye bacela ukuncediswa kwakhona kwiimeko abajongana nazo.





UMasibulele Mvubu osuka eNgqamakhwe ongumfundi wase-King Hintsa TVET College uvele ngelithi “le projekthi inegalelo elikhulu kubo, kuba bafumene ulwazi oluphangaleleyo kunye neenkcukacha ezithe vetshe ngokwezolimo kwaye nabo bayazibona bekwiindawo zabo besenza lomsebenzi umhle ngoluhlobo”.

USodolophu Cllr T.D Mafumbatha woleke ngelithi uyakhuthaza ukuba intsha mayizimanyanise nemisebenzi yezandla ukuze nayo ibenegalelo ekuveliseni amathuba emisebenzi.



# PROGRESS ON SERVICE DELIVERY
## PROJECTS AROUND WMMLM

IN PICTURES: WARD 01 PROGRESS ON SERVICE DELIVERY

UPGRADING OF CIVIL PERMANENT AND TEMPORARY INFRASTRUCTURE(HIGHLAND&DOWNTOWN)

## Thetha Mhlali (Ward 1 Community Views)

### CONSTRUCTION OF CIVIC CENTRE





### FIXING POTHOLES





## Nelisa Vusani (CLO we TCT project)



"Ndiyabulela kakhulu ngale project yakwa TCT ngoba indawo esihlala kuyo ifumene uphuhliso kakhulu nathi singabahlali sifumene ukuhlala endaweni ebhetele ayifani nase kuqale
iphinde yasinceda kakhulu ngoba ngoku sikwazile ukwenza izinto zemali emakhayeni ethu nabantwana bathi xa besiya eskolweni bafike noko bafane nabanye enkosi".

## Bongani Ngqithi (umhlali, Highland ward 01



"Umsebenzi owenziwa nguMspala lapha eHighland ndiwubona umhle kwaye ubaluleke kakhulu ndinqenela ukuba ke uqhubeke ungapheli endleleni."

## Mrs Mliwa (kwa ward01 eighland)



"Mna ndibulela kakhulu ngentuthuko eyenzeka apha yendlela ukufika kwam lapha eHigh land sasihamba engceni kungekho ndlela yenziweyo ngoku noko kuhle, nabantwana bafumene umsebenzi bakwazi noko ukuthumela emakhayeni abo, ndiyanqwena ukuba jengoko kuqaliwe ukwenziwa lendlela ingapheli endleni ide iyofika esiphelweni sayo enkosi".

## Sisipho Njisani (Umsebenzi we TCT Project




"ndibe ke ndifundile ndade ngathwala isidanga kodwa ndingaphangeli ndawo kodwa ngoku ndidebenzi kwi candelo lwezokhuseleko lapha kule project, xa ke uyintombazana esakhulayo zinints izinto ozidangayo empilweni yakho ezidinga imali yiloonto ke ndathi noba ndifunde ndade nd"Mna ke bendithengisa amakota esonka edolophini ingakafiki le project yokwakhiwa kwendlela athwala isidanga kodwa ndangayijongeli phantsi into yothengisa, ndiyabulela ngeli thuba".



**Siyanda Rhadebe (ward 20 emamcakweni)**

"Mna ndifumene umsebenzi kule project noko ndiyakwazi ukulala ndityile ngoku ngoba bokunzima ndingasebenzi ndikwazile nokuthenga umfaniswano weskolo wabantwana xa kuqala unyaka, ndancedisa nasekhaya kwizidingo zemali , siyabulela ku Ceba wethu ngokuba sisebenza nje kungenxa yakhe noko ubonile sifanelwe impilo ebhetele".



**Mrs Mbhele (ard 20 emamcakweni)**

"Kudala noko singenawo umbani kuba sasebelwe intambo kuthe ke kusofika le project safakelwa ibhokisi ke siye saba noncumo kakhulu silibandla lase African congregation church siyabonga kakhulu".



**Nompumelelo Diya (ward 20 emamcakweni)**

Sibenexesha elide singenawo umbani noba bebefika ke abantu bokunceda ngombani ngelishwa ke bebefika kungekho mntu lapha ekhaya, kwenzekile ke bafika kukhona ubhuti wam kodwa ke abafaka mbani qha basinika ama-solar nawo ke ebengazenzi zonke ezinto umzekelo nje ukupheka,ukuxhuma i-fridge nezinye, siyabonga kakhulu ngombani ngoku siyakwazi ukuzenza zonke eziya izintoi-solar ibingazenzi, mgoku kuza ukhetho noko sizokhetha

**IN PICTURES**

Emva kotyelelo eCivic Centre ngentseni yomhla ka 22February 2024 uSodolophu uCllr. TD Mafumbatha ephelekwe nguWhip of the Council uCllr. M. Mbele kunye noCllr. N. Dlamini baye kwamkela abantwana bezikolo kwesisithili sase Alfred Nzo East abazimbaleki kukuphiswano lokuqala ngqa lusenzelwa kwibala lemidlalo iMphuthumi Mafubambatha Stadium.












## DID YOU KNOW?

**WMMLM HAS A TOLL FREE NUMBER YOU CAN CONTACT FOR SERVICE DELIVERY COMPLAINTS .**

### TOLL FREE NUMBER IS:

0800649262

**ALTERNATIVELY YOU CAN VISIT OUR OFFICES AT OR EMAIL US ON :**

### OPERATING HOURS

Monday -Thursday ( 08:00 -16:30)
Friday( 08:00-15:30)
Closed on Saturday, Sunday and Public Holiday

### EMAIL ADDRESS

Customercare@mbizana.gov.za

### WEBISTE

www.winniemmlm.co.za

**FOLLOW US ON OUR SOCIAL MEDIA PAGES**

- Winnie Madikizela Mandela Local Municipality
- @WinnieMM_LM
- @wmmlm23
- @winniemm_lm